



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2013

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure

Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linamaphepha ali-9.
 2. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A no-B).
 - Icandelo A: Inoveli
 - Icandelo B: Imihlathana emide, nemihlathana emifutshane
 3. Kwicandelo B – bhala umhlathana omde omnye; nomhlathana omnye omfutshane.
 4. Imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
 5. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku owanikiweyo.
 6. Bhala isivakalisi esipheleleyo xa umbuzo ufuna oko.
 7. Abaviwa baya kohlwayelwa ukungasebenzisi kakuhle ulwimi.
-

ICANDELO A

Umbuzo 1

Funda esi sicatshulwa, uphendule imibuzo elandelayo.

Ukudibana kwam noDavid kwakhona ndandinemincili engathethekiyo. Oonongendi esikolweni sasemishini baye bandifaka kukhuphiswano lwebhasari olwaluxhaswa ngabakwa-*Anglo American*, mna ndingazi. Kuloo veki ke baye bandixelela ukuba samkelwe isicelo sam. Yayikhona imali yokundifundisa kumabanga aphezulu. Le nkampani yayiza kuhlawula yonke into: imali yeencwadi, eyendawo yokuhlala, eyeyunifomu, ndandiza kufumana nomnconwana wemali, ukuze ndihlale ndinobumadlana. Zazimnandi ngenene ezo ndaba, sahlala ngazo ke iveki yonke. Njengoko ndandixelela uDavid ezi ndaba, sasihleli everanda egxamesini, nabazali bakhe bekhona. Ndothukela ngaphakathi ukufumanisa ukuba bobabini babevuyisana nam ngokungazenzisiyo. Bona abazali bam babesele belungiselele ukuhlaba ibhokhwe negusha ukonwabela ezi ndaba zintle kangaka! Izinyanya zizo ezazancedile ukuba ndiyifumane le bhasari.

- 1.1 Ngubani onemincili kwesi sicatshulwa? (1)
- 1.2 Kutheni enemincili lo mntu? (1)
- 1.3 Oonongendi babefundisa kwesiphi isikolo? (1)
- 1.4 Lo mfo onemincili (kuUmbuzo 1.1) wayeza kufunda phi kumabanga aphezulu? (1)
- 1.5 Xela abanye abantu ababevuyisana nalo mfo ngale nto yenzekileyo. (2)
- 1.6 Abazali balo mfo babeza kwenza ntoni ukonwabela ezi ndaba zintle? (2)
- 1.7 Kutheni abazali beza kwenza le nto (uyixele kuUmbuzo 1.6)? (2)
- 1.8 Chaza ukuba sinjani isikolo soonongendi abefunda kuso lo mfo. (5)

[15]

UMBUZO 2

Jonga lo mfanekiso uphendule imibuzo elandelayo.



2.1 Xela izinto ezine ozibonayo kulo mfanekiso. (2)

2.2 Balisa ngesiganeko esenzekileyo kule ndawo eboniswa ngumfanekiso. (5)

2.3 Gqibezela le tafile elandelayo ngokukhetha igama elifanelekileyo.

2.3.1	iTsitsa	yifama/ngumlambo/lichibi
2.3.2	Inja kaDavid	uBilly/uBambi/uBenji
2.3.3	Umama kaThemba	nguMamTami/nguMamTazie/nguMamTabi
2.3.4	Ifama yakuloDavid	kusemiNgcunubeni/imiNgcubanguba/imiNcabula
2.3.5	Umfazi kaThemba	nguNoSizwe/nguNosipho/nguNoziphiwo
2.3.6	Ihashe likaTata kaDavid	nguAdmiral/nguAdam/nguAdmire

(3)

2.4 Incwadi *Phesheya KweTsitsa* ifundisa abantu izinto ezininzi ngobomi efama. Uyavumelana na nesi sivakalisi singentla? Xhasa iimpendulo zakho ngokunika imizekelo evela kwibali/apha ebalini.

(5)

[15]


UMBUZO 3

Bhala **incoko** phakathi koThemba nabazali bakhe. Bancokola ngobomi bukaThemba eQueen's College.

[10]

UMBUZO 4

Bhala **isincoko** ngemiXholo kwincwadi *Phesheya KweTsitsa*. Sebenzisa le dayagramu/mephu yengqondo engezantsi ukukuncedisa.



[20]

60 amaqaku

ICANDELO B

UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali 150 ukuya kuma 200.

1.1 Incoko

Abafundi esikolweni bancokola ngekamva labo. Bhala incoko yababini.



(30)

1.2 Irivyu


Ubukele ifilimu neklasi yakho. Bhala irivyu yale filimu.



(30)

1.3 Inqaku lephephandaba

Uyintatheli yephephandaba i*Herald* eBhayi. Bhala inqaku kwiphephandaba ngokuthengiswa kwezinyobisi ezikolweni.



(30)

1.4 Ileta yobuhlobo

Bhalela umhlobo wakho ohlala phesheya kolwandle. Mxelele ngelizwe lakho, uMzantsi Afrika, uzame ukumkhuthaza aze kulibona.



(30)

1.5 **Intetho**

Kufuneka uthethe nabafundi esikolweni *Ngengozi yongcoliseko* elizweni lethu. Yibhale le ntetho.




(30)
[30]

UMBUZO 2

Bhala umhlathana omfutshane ube MANYE. Umhlathana ube ngamagama angama 120 ukuya kuma 150.

2.1 **Amacwecwe**

2.1.1 Umhlobo wakho uya phesheya kolwandle. Mbhalele icwecwe ukuthi 'ndlela-ntle'.



2.1.2 Yimini yokuzalwa yomhlobo wakho. Mbhalele icwecwe lokuthi 'Mini emnandi'.



(2 × 5 = 10)

2.2 Idayari


Bhala iingeniso zeentsuku ezintathu kwidayari yakho. Thetha ngobomi bakho esikolweni.



(10)

2.3 Isibhengezo

Ufuna ukuba abafundi baze kufunda esikolweni sakho. Bhala isibhengezo ukukhuthaza abazali babhalise abantwana kwesi sikolo.



(10)
[10]

40 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100